INkampani yoBugcisa oBudlalwayo yaKwaZulu-Natala
Yabhengezwa ngokwecandelo lesi-3(1) loMthetho wamaZiko eNkcubeko, 1998 (uMthetho we-119 ka-1998) ngowoku-01 kuTshazimpuzi ngo-2003
PO Box 5353, DURBAN, 4000, 29 Acutt Street, DURBAN, 4001, KwaZulu-Natal, South Africa
Umnxeba: (031) 3699555, Ifeksi: (031) 306 2166, Iinkonzo zemveliso Mayville, Umnxeba (031) 208 4171 Ifeksi: (031) 208 4162
Idilesi yeimeyili: info@playhousecompany.com; http://www.playhousecompany.com

I-PLAYHOUSE COMPANY
ISIMEMO SESICELO SENTSEBENZISWANO – ISALATHISI PHC 49/2016

UKUNIKA, UKUFAKELA, UKUVAVANYA KUNYE NOKUSEBENZISA IIJENEREYITHA EZIYI-3 X 825KVA E-PLAYHOUSE COMPANY.

Kumenywa izicelo zentsebenziswano kubaniki beenkonzo abafanelekileyo nabanamava ukuze bayile, banike, bafakele, bavavanye baze basebenzise iijenereyitha eziyi-3 X 825KVA kwisakhiwo sethiyetha sasePlayhouse Company esikule dilesi, 231 Anton Lembede Street Durban.

I-Playhouse Company liZiko leNkcubeko elibhaliswe phantsi kweCandelo lesi-3(1) loMthetho wamaZiko eNkcubeko, 1988, ukuze ikhuthaze ubugcisa nenkcubeko KwaZulu-Natala.

Umsebenzi oza kwenziwa uza kuquka phakathi kwezinye izinto, oku kulandelayo*:*

- Ukulungisa, ukwakha isiseko esifunekayo ukuze kufakelwe iijenereyitha;
- Ukunika nokufakela isethi eyi- 3 X 825KVA yeejenereyitha zedizile kunye ne-*synchronisation panel*;
- Ukukuvavanya ngokupheleleyo ukufakelwa;
- Ukugcina ishedyuli yokuzigcina nokuzigcina ngokupheleleyo iijenereyitha;
- Ukuthobela imithetho kunye nemigangatho efanelekileyo edweliswe kuxwebhu lwesiniki-maxabiso.

Amaxwebhu esiniki-maxabiso aza kufumaneka kwiOfisi eyiNtloko yasePlayhouse Company ekule dilesi, 29 Acutt Street ukususela ngentsimbi ye-10h00 ngomhla we-**04 kweyeNkanga ngo-2016.** Kufuneka kuhlawulwe umrhumo ongabuyiswayo oziinkozo wama-R 350 kuMnu. Sudesh Harilal (umnxeba 9443) woxwebhu lwesiniki-maxabiso.

Indibano enyanzelekileyo yokuhlola isiza iza kubanjwa ngomhla we-**21 kweyeNkanga ngo-2016 ngentsimbi ye-10h00 kusasa** ePlayhouse Company, 231 Anton Lembede Street, Durban.

Umhla wokuvalwa kokuthunyelwa kwezicelo zentsebenziswano ngowe-**12 kweyoMnga ngentsimbi ye-11h00 ngentlazane**. Ziza kukhatywa izicelo ezifike emva kwexesha. Kufuneka izicelo ziphawulwe ngokucacileyo yaye zifakwe kwimvulophu/kwipasile etywiniweyo zize zithunyelwe kwiNgqonyela kwidilesi ekhankanywe apha ngasentla.

Ezinye izinto eziyimfuneko zidweliswe apha ngezantsi:
• Ukubhaliswa kuVimba oyiNtloko weenkcukacha zaBaniki-nkonzo kaNondyebo kaZwelonke (C.S.D)
• Ingxelo yokubhaliswa kwi-C.S.D nayo mayipheleke isicelo sentsebenziswano;
• Kufuneka izicelo zentsebenziswano zisiwe ngumntu ngenkqu kwidilesi ekhankanywe apha ngasentla;
• Isiqinisekiso sokuhlawulwa kwerhafu esingakhutshelwanga nesisemthethweni kunyanzelekile ukuba sibe khona;
• Siyafuneka isiqinisekiso seBEE;
• I-Playhouse Company ayinyanzelekanga ukuba ichonge esona sicelo sentsebenziswano esinexabiso eliphantsi.

Ngeenkcukacha ngokubanzi nceda uqhagamshelane noNkskz. Kay Khan, kule nombolo yomnxeba: 031- 369 9422 okanye kule dilesi ye-imeyili kayk@playhousecompany.com